Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

NOVEMBA 2017

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

USODOLOPHU UNIKA IINKOKHELI ZOLUNTU IIMBASA NGOBUQHAJI BAZO

Ngokuhlwa kwangoLwesine umhla wama-21 kuSeptemba 2017, uCebakhulu uRudolph Smith onguSodolophu weSigqeba eOverstrand, wanika abantu abazibalule ngemisebenzi emihle ekuhlaleni amabhaso, kumsitho ohloniphekileyo obizwa ngokuba yi-Night of Achievers Awards owawubanjelwe e-Oditoriyam kuMasipala wase-Overstrand.

Lo msitho wenziwa rhoqo ngonyaka. Umsebenzi wawo kukuwonga abantu abazibalule ngemisebenzi emihle kwiindawo abahlala kuzo. Kulo nyaka kunikwe iqhaji elihlonitshwa lihlabathi uArchbishop Desmond Tutu ibhaso. Igama lakhe laliphakathi kwabachongiweyo baza bafumana iziqinisekiso zeHonorary Citizens Charter/Honorary Citizens Award - *uhlonitshwa ngokusebenza ngokuzinikela ekuphuculeni impilo yoluntu ngokubanzi eMzantsi Afrika, nomsebenzi asawuqhubayo wokulwela amalungelo oluntu kummandla wase-Overstrand. Ngelishwa akazange abe kho buqu kulo msitho ukuze afumane imbasa yakhe*. Ezinye zezi mbasa ziquka i-Mbasa kaSodolophu kuLondolozo lokuSingqongileyo, uMgqwesi woNyaka kwezaMakhosikazi eOverstrand, neziqinisekiso zabaGqwesi abaPhume iZandla.

Kulo nyaka la ngamaCandelo akhutshelwe iimbasa:

Emfanekisweni nguMnu Rudolph Smith onguSodolophu kunye naba balandelayo: ukususela kwisandla sasekhohlo kuse kwesasekunene nguBantu Sam (obo) nguSheraine van Wyk, nguConrad strydom (uMgqwesi wonyaka kwezoLutsha), nguAnna Wright (uMgqwesi wonyaka kwezaMakhosikazi), nguJohan Hugo (kuPhuhliso lwezoKhenketho noRhwebelwano, nguDe Waal Steyn (kwezamashishini) no Michael Lutzeyer (uMgqwesi oPhume iZandla)

KULO NYAKA LA NGAMACANDELO AKHUTSHELWE IIMBASA:

I-Candelo1: UMgqwesi oPhume iZandla:

- **nguNols Jonas** - uhlonitshwa ngokugcina kwakhe ngenkathalo izilwanyana ezingenawo amakhaya "isilo-qabane" phantsi kwe-BARC.
- Kwi-Stanford Conservation & Recycling (SCORE) - **nguElma Hunter** - uhlonitshwa ngefuthe lemfundiso yakhe ngolondolozo kwintlalo yoLuntu eStanford ngoncedo lwezi nkqubo zabo "ukulahlwa inkunkuma nokuyisebenzisa ngokutsha".
- Kwi-NIKA Trust - **nguHennie Nieman** - uhlonitshwa ngendima ayibonakalisileyo kwimizamo yokulwa nentlupheko, ngokunika abantu namakhaya ahlelelekileyo inkxaso; ngokwenza njalo kwimibutho nakwiindawo zoluntu e-Overstrand.
- **Kwi-Nellie nguNokwanele Tebele** - uhlonitshwa ngokusebenza ngokuzinikela eZwelihle iminyaka emininzi.

OPHUME PHAMBILI KWELI CANDELO:

- **nguMichael Lutzeyer** - uhlonitshwa ngegalelo lakhe kuphuhliso lokhenketho nendalo, ngokusebenzisana nomyezo wendalo "i-Grootbos Nature Reserve" esengela thungeni linye "neGrootbos Foundation".
- **nguGladys Gillion** - uhlonitshwa ngenxaxheba yakhe ekuphuculeni umgangatho wempilo nenkqubela kwezeMfundo ebantwini abahlala eHawston.

ICandelo 2: UMGQWESI KWEZAMAKHOSIKAZI

ABAKHUPHISANA NAYE:

- **nguCarolyn Martin** - uhlonitshwa ngokuba nguvulindlela nokubonisa ingqondo echubekileyo kwezoshishino negalelo lakhe kuphuhliso loluntu, negalelo lakhe kwinkqubela yomzi-mveliso iHemel-en-Aarde.
- **nguTronel Meintjies** - uhlonitshwa ngenxaxheba yakhe kuphuhliso lwabahlali baseOverstrand nokunika uncedo engajonge nzuzo njengomseki "we-Hermanus staan saam".
- **nguJohanna Lidia Morgan** - uhlonitshwa ngegalelo lakhe ekuphuculeni intlalo yoluntu eZwelihle.
- **nguJulie Cheetham** - uhlonitshwa ngegalelo lakhe kwiinkqubo zophuhliso lolutsha eOverstrand nanjengokuba eqeshwe "yiGrootbos Foundation".

OPHUME PHAMBILI KWELI CANDELO:

- **nguAnn Wright** - uhlonitshwa negalelo lakhe ekuphuculeni intlalo yoluntu ngoncedo lwemisebenzi ayenzayo kwimibutho enikela ngesisa.

OPHUME PHAMBILI KWELI CANDELO:

ICandelo 3: ULONDOLOZO LOKUSINGQONGILEYO:

- **kwiGrootbos Foundation Conservation Team** - uhlonitshwa ngegalelo lakhe ekugcineni nase kulondolozeni i-fynbos kummandla obanzi waseOverstrand.
- **nguAntonio de Silva-Swart** - uhlonitshwa ngegalelo lakhe kulondolozo lwamanxweme ethu nokufundisa abanye ngokusingqongileyo.
- **nguDr Vic Hamilton-Attwell** - uhlonitshwa ngegalelo nokufundisa kwakhe kwicandelo lezifundo zeBotany neZoology.
- **nguDuncan Heard** - uhlonitshwa ngegalelo lakhe nokusebenza ngentembeko imnyaka emininzi kulondolozo lwendalo kummandla omathafa waseHermanus.

OPHUME PHAMBILI KWELI CANDELO:

- **nguSheraine van Wyk** - uhlonitshwa ngegalelo lakhe kulond olozo lwendalo nezifundo ngentlalo kosingqongileyo.

ICandelo 4: UBURHWEBI

ABAKHUPHISANA NAYE:

- **nguJan Lutzeyer** - uhlonitshwa ngokuseka kwakhe ngempumelelo amaphulo orhwebo ngoncedo lwe-intanethi.
- **nguMargaret Motsoene** - uhlonitshwa ngomoya wentumekelelo kwezorhwebo negalelo lakhe ekuphuhliseni izakhono kwezorhwebo.
- **nguGilbert Muchanyara** - uhlonitshwa ngokuphucula umgangatho womzi-mveliso olungiselela iindwendwe ukutya esebenzisa izakhono zakhe kwezorhwebo.

OPHUME PHAMBILI KWELI CANDELO:

- **nguDe Waal Steyn** - uhlonitshwa ngegalelo nempumelelo yakhe kumzi-mveliso wokushicilela nokupapasha iindaba ngoncedo lwe-intanethi.

ICandelo 5: OGQWESILEYO KWISIGABA SABANCINANE

ABAPHUME PHAMBILI KWELI CANDELO:

- **nguConrad Strydom** - uhlonitshwa ngegalelo lakhe ekuphuhliseni umgangatho wezemfundo eOverstrand naseMzantsi Afrika ngokubanzi.
- **nguCamden Jansen** - uhlonitshwa ngegalelo lakhe elikhethekileyo ekuphatheni izilwanyana kakuhle nokunikela ngexesha lakhe kumzi ogcina izilwanyana ezingenamakhaya "i-Hermanus Animal Welfare Society".
- **nguTairemo Pietersen** - Uhlonitshwa ngegalelo lakhe elikhethekileyo ekuphatheni izilwanyana kakuhle nokunikela ngexesha lakhe kumzi ogcina izilwanyana ezingenamakhaya "i-Hermanus Animal Welfare Society".
- **nguMarlen Plaatjies** - uhlonitshwa ngegalelo lakhe elikhethekileyo ekuphatheni izilwanyana kakuhle nokunikela ngexesha lakhe kumzi ogcina izilwanyana ezingenamakhaya "i-Hermanus Animal Welfare Society".

ICandelo 6: UPHUHLISO KWEZOKHENKETHO NORHWEBO

ABAKHUPHISANA NAYE:

- **nguJan Lutzeyer** - uhlonitshwa ngegalelo lakhe kumzi-mveliso wezokhenketho nokugayela iOverstand inkxaso ngokuyibeka kwizinga eliphezulu kwezokhenketho njengendawo ehlonitshwayo ziindwendwe kwihlabathi jikelele.

OPHUME PHAMBILI KWELI CANDELO:

- **nguJohan Hugo** - uhlonitshwa ngeenkonzo anikezele ngazo ekuphuhliseni iOverstrand. Loo nto iquka imveliso ekhetheke ngokukodwa kwezokhenketho nokuxhasa uPhuhliso lwaseKhaya kwezoQoqosho (i-LED).

ICandelo 7: IGOSA ELIZIQAQAMBISILEYO E-OVERSTRAND NGO-2017

ABAPHUME PHAMBILI KWELI CANDELO:

- **nguAden Johannes** - uhlonitshwa ngenkonzo yokunceda iiklayenti ngendlela ekhethekileyo nokusebenza ngokuzinikela ngamaxesha anzima.
- **nguLiezl de Villiers** - uhlonitshwa ngokuza neqhinga elithe lasombulula ingxaki yeemfene ezingalawulekiyo kummandla waseHermanus.
- **nguMarzaan Middleton** - uhlonitshwa ngokunikezela iinkonzo ngendlela eyodwa ngamaxesha okuxakeka okukhulu.

IINTLOKO EZICHONGIWEYO

- **nguLionel Pedro** - eDie Bron Laerskool, eStanford uhlonitshwa ngeenkonzo anikele ngazo kuluntu lwaseOverstrand ngamaxesha okuxakeka okukhulu.
- **nguTommy Wilson** - kwi-Gansbaai Academia uhlonitshwa ngeenkonzo anikele ngazo kuluntu lwaseOverstrand ngamaxesha okuxakeka okukhulu.
- **nguTommy Volkwyn** - eGansbaai Primêre Skool uhlonitshwa ngeenkonzo anikele ngazo kuluntu lwaseOverstrand ngamaxesha okuxakeka okukhulu.
- **nguJulius Swart** - eHawston Primêre Skool uhlonitshwa ngeenkonzo anikele ngazo kuluntu lwaseOverstrand ngamaxesha okuxakeka okukhulu.
- **nguJohannes Mouton** - eCurro School uhlonitshwa ngeenkonzo anikele ngazo kuluntu lwaseOverstrand ngamaxesha okuxakeka okukhulu.
- **nguT Morris Tsabalala** - eLukhanyo Primary School, eZwelihle uhlonitshwa ngeenkonzo anikele ngazo kuluntu lwaseOverstrand ngamaxesha okuxakeka okukhulu.

IBHASO ELIKHETHEKILEYO

- **nguArchbishop Desmond Tutu** - i-Honorary Citizens Charter/Honorary Citizens Award uhlonitshwa ngegalelo lakhe nokusebenza ngokuzinikela ekuphuculeni impilo yoluntu ngokubanzi eMzantsi Afrika, nomsebenzi asawuqhubayo wokulwela amalungelo oluntu kummandla waseOverstarand.

Isitishi senkunkuma yabatyeleli e-Onrus

Yiminyaka emininzi kukhalazwa ngesitishi senkunkuma yabatyeleli e-Onrus Trading Post Shopping Centre nesijike sangumhadi wezihange neziko elizisela uluntu ukungcola nezifo. Ekugqibeleni ezi zikhalazo zide zasatyelwa kangangokuba eli ziko liza kuvalwa phambi koDisemba ka-2017.

Esi sigqibo sathatyathwa emva kokuba ikomiti kaWadi 13 iphakamise eli cebo kwintlanganiso yoluntu kaSeptemba 2017. Ezinye iinkalo nazo zavelelwa kwenziwa nophando lovavanyo zimvo ukuze kuqondakale phakathi kwezinye izinto ukuba kanye ngubani onelungelo lokusebenzisa isitishi senkunkuma yabatyeleli. Isizathu sesokuba eli ziko likumhlaba kamasipala ngoko akulindelekanga ukuba umqeshi-ndawo kwiziko elineevenkile ezininzi athabathele kuye uxanduva lenkunkuma kule ndawo. Esi sitishi asizange sisekwe ukuze kube lula ukuba abahlali balahle inkunkuma nokhula lweegadi zabo kule ndawo. Sakhiwa ngo-2006 ukuze iindwendwe ezigoduka ngomhla ongenguwo owokuthuthwa kwenkunkuma, zishiye iinkunkuma yazo kule ndawo. Ngale ndlela iiplastiki ezimnyama ezigcwele inkunkuma zazikhuseleka ekusarhazweni zizinja eziyabulayo.

"Nangona sikho esi sitishi, abatyeleli abayizisi apha inkunkuma. Bayibeka ecaleni kwendlela xa bephose iintsuku zokuqokelelwa kwayo," watsho uDon Kearney, onguManejala kuMmandla waseHermanus.

Ngelishwa abantu abahlala esithubeni basebenzisa esi sitishi njengendawo yeendibano zabo. Ngokuhamba kweminyaka inani labantu abahlala esithubeni lonyuka. "Konke oku kuphazamisana nabantu abeza kule ndawo ineevenkile ezininzi kwaye yenza umbono ongajongekiyo ekungeneni kwedolophu," watsho uKearney. "Siqaphela nokuba liyakhula inani leemfene kulo mmandla kwaye iyasixhalabisa into yokuba esi sitishi senkunkuma yabatyeleli siza kuba sisigqubu seemfene kungekudala." Xa inkunkuma isothulwa, ukutya okuyintsalela kunikwa abantu abahlala esithubeni. Uncedo lujoliswa kwabo sele bekhulile ngesizathu sokuba ngabona baludingayo, oko bona umdla wabo ikukufuna ukuba banikwe imali.

Isitishi senkunkuma yabatyeleli asinakuvalwa ngesiquphe kodwa ekugqibeleni eyona njongo kukuba sivalwe ngomhla wama-30 kuNovemba 2017. UMasipala unesicelo asijolise kubantu abaqeshisa ngendawo ngexesha leeholide ukuba benze amalungiselelo okulahlwa kwenkunkuma ngendlela eyamkelekileyo. Bangenza amalungiselelo nabahlali ukuba bavulele inkunkuma yabatyeleli ukuba ifakwe kwimigqomo yabo ngeentsuku ezimiselwe ukuthuthwa kwenkunkuma. Ukuthuthwa kwemigqomo ngumasipala ekuhlaleni kwenzeka ngeMivulo (eVermont) nangooLwezibini (eOnrus River).

Ukuphethulwa kwesoyi eHawston sisizathu sokuba *kubhiyozwe*

UBonginkosi Madikizela onguMphathiswa kwiSebe lokuZinziswa koLuntu eNtshona Koloni (ngowesine kwisandla sasekhohlo) noRudolph Smith onguSodolophu weSigqeba eOverstrand, (usecaleni koMphathiswa) babonakala kumsitho wokuphethulwa kwesoyi phantsi kweProjekthi yoKwakhiwa kwezindlu eHawston ngoLwesihlanu umhla we-8 kuSeptemba 2017. Ndawonye nabo ngamagosa asePhondweni nakooMasipala, Ooceba baseOverstran, abantu abanefuthe kwimicimbi yasekuhlaleni eHawston, kunye nabameli be-arhente enikwe umsebenzi neekhontrakthi.

UBonginkosi Madikizela onguMphathiswa wokuZinziswa koLuntu ePhodweni noRudolph Smith onguSodolophu weSigqeba baqalisa ngokusesikweni ukumilisela iProjekthi yoPhuhliso lweZindlu eHawston nexabisa izigidi ngezigidi zeerandi ngokuphethula isoyi kumsitho owawubanjelwe kwindawo apho iprojekthi yezindlu iza kwenzelwa kuyo ngoLwesihlanu umhla wesi-8 kuSeptemba 2017. Lo msitho wawudale uchulumanco olukhulu kubahlali, kwiikhontrakthi nakubaxhasi uqobo.

I-Projekthi yoPhuhliso lweNtlalo eHlanganisiweyo eHawston (i-IRDP), yenzelwa kwisiqephu somhlaba esikufuphi noR43 eHawston, idala ukuhlomeleka kwindawo ekudala ihlala abantu. Ubukhuku bayo buqikelelwa kwiihektare ezili-13. Yenziwa ziziza ezingama-489 eziquka iindawo ezili-107 zokuhlala abantu abanemivuzo yokuthenga izindlu ezifikelekayo umz. Inkqubo yokuXhaswa nguRhulumente (i-GAP) kunye neNkqubo yokuXhasa uMthengi ngeMali-mboleko (i-FLISP), ziindawo ezingama-378 zokuhlala abantu phantsi kweNkqubo eNtsha yoZinziso loLuntu(i-BNG), iindawo ezimbini zamashishini, iindawo zokuhlala ezahlulwe ngemimmandla kunye namabala alithoba eendibano zoluntu, iindlela kunye nechibi lokugcina amanzi esichotho. Olu phuhliso ngumzekelo wokuzibophelela kweSebe ekuziseni inkonzo yokuZinzisa uLuntu kubahlali, apho abaxhamli bafikelela lula kwimithombo karhulumente ukuze baphile ubomi obungcono.

Ebhekisa kwabakhoyo uMnu Smith onguSodolophu wathi, "Ndibulela iSebe lokuZinziswa koLuntu kwiPhondo leNtshona Koloni, abaphathi beprojekthi, i-arhente esetyenziswayo, iikhontrakthi, ooCeba nabaPhathi kwii-Ofisi zoLawulo eOverstrand, abahlanganise ndawonye amagalelo abo sazibona silapha namhlanje."

Kwintetho yakhe ephambili, uMphathiswa uBonginkosi Madikizela uncome uMasipala ngenkqubela ayenzileyo ekwakhiweni kwezindlu kule ngingqi. Kodwa uyenze yacaca into yokuba ngelishwa urhulumente akanako ukuhlala esakha izindlu ze azinike abantu 'okwenduku yomnquma' ubomi bonke, kwaye injongo yakhe ehlelwe ngobuchule kukukhuthaza intsebenziswano namashishini kunye nehlelo leebhanki eNtshona Koloni ukuze kwakhelwe abantu izindlu. UMadikizela uggibele ngelithi, "Intsebenziswano yethu neebhanki noovimba bemali-mboleko iza kuhlala iqhuba ukuze siqiniseke ukuba imali-mboleko yokuthenga indlu necwangciselwe abantu abanemivuzo ephantsi ifikelela ebantwini abaninzi."

"Eli nyathelo liza kunceda abantu abaninzi kwaye likhawulelana neemfuno zabona bantu bahlelekileyo kwanabo baxhamla ngokufanelekileyo, lisisisombululo kubantu abangazifumaniyo izindlu ngenxa yemivuzo ephezulu nabo bakhatywayo bangabolekwa imali yibhanki ngenxa yemivuzo ephantsi," watsho umphathiswa. Eqinisekile njalo ngempumelelo yeli nyathelo, wacebisa umasipala ukuba azimamele izidingo zabanemivuzo ephezulu, azame ukukhawulelana nazo kuba inkxaso yabo likhubalo kwirhafu karhulumente. Waphinda wabongoza abahlali ukuba bancedisane nale nkqubo baqiniseke ukuba uphuhliso luyafezekiswa ngokuthi bangabamameli oofunzeweni abaza kubhoxa ezi projekthi njengentetho ethi: "MakuToyi-toywe". Lo mkhuba uphazamisana nokuziswa kweenkonzo ebantwini. Kungcono xa abantu bethetha ukuze sifumanele iingxaki zabo isisombululo zingabi gumqobo endleleni.

Imbizo ngeKamva kuMacandelo eZifundo yenze umdla kulutsha lwaseOverstrand

Abafundi baseQhayiya Sekondari bamamele ngomdla ngeli xesha uLuvo Bomvana wezoPhuhliso loQoqosho lwaseKhaya Overstrand ebanika ukhanyiselo lwengqondo ngokwenzekayo ngokuphathelene namathuba enkqubela phambili kulo mbutho

NgoLwesine umhla wesi-7 kuSeptemba 2017, iSebe lonxibelelwano nokugcinwa kolwazi lwasebuRhulumenteni (i-GCIS) ngokwahlulelana neZwelihle Youth Café kunye noVuyani Macotha onguCeba weNorthWard eyilokishi yaseZwelihle e-Overstrand labamba imbizo phakathi kogreyidi 9 no12 kunye nolutsha oluhleli elokishini ngeKamva kuMacandelo eZifundo .

Le mbizo yinxalenye yezinto ezenziwa ngurhulumente ukugubha inyanga yeMvelaphi, linkonzo zoLuntu noKhenketho ezenzeka kwinyanga kaSeptemba.

Ijolise ekusekeni amaqonga aza kudibanisa ulutsha neendidi ndidi zabaxhasi ukuze lufumane ulwazi ngamathuba avulekileyo okuzenzela ikamva neenkqubo zokuzixhobisa ngezakhono. Imbizo ngekamva kumacandelo ezifundo yindlela yokunciphisa inani labantu abatsha abangaphangeliyo kunye nezinxiba mxhaka ezihleli emakhaya ngenxa yokunqaba komsebenzi elizweni.

IOverstrand ikwiphulo lokunciphisa iplastiki

Yinto eyahlala isaziwa ukuba i-Cape Whale Coast neHermanus njengeendawo ezintle ehlabathini zibanabantu abanolwazi ngokusingqongileyo. Ngaphaya koko bafuna ukugcina ezi ndawo zikwisimo sazo sendalo kwaye bakwiphulo lokunciphisa ukusetyenziswa kweplastiki nokuba oko kwenziwa yisupermarket, yitake away yasekuhlaleni okanye ziirestyu.

Liyongezeleka inani leziqu zabantu namaqela aqokelelanayo ukuze athethe ngazwi linye ukuba abafuni ukuba igrosara okanye iziqhamo nemifuno zifakwe eziplastikini okanye kwitreyi ebuplastiki. Abantu badiniwe kukufakwa dyumpu kweengcongolo zesiselo kwiziselo zabo - nokuba bayathanda okanye abathandi - kunye neetake aways ezifakwa kwiitreyi ezibuplastiki, xa kanti zikho izinto ezingenabungozi kosingqongileyo ezinokusetyenziswa.

Yiminyaka ngeminyaka kusenziwa imizamo enqanda ukulahlwa kwenkunkuma. Nangona oku kubonakala njengenyathelo elincomekayo kodwa ke lo msebenzi awupheleli apha, akunjalo?Yonke inkunkuma eqokelelwayo ilahlwa kwindawo yayo okanye igcinwe ukuze isetyenziswe ngokutsha. Umbono wabantu abaninzi ngowokuba makuliwe nezenzo ezidala ukwanda kwenkunkuma, uliwe de uphele tu lo mkhuba.

Kwiintetho zikaBea Johnson oligqala kwiimpembelelo zokunciphisa inkunkuma singacaphula ezi zaci zilandelayo:

LANDULA - into eza kudala inkunkuma, njengokusongela ngento elahlwayo

NCIPHISA - uthenge oko kuyimfuneko, musa ukuqokelela izinto ezingenamsebenzi - loo nto iya kukongela ixesha nemali

SEBENZISA KWAKHONA - into osele unayo kakade - ijagi yegilasi, ibhegi yephepha, lungisa izinto ezonakeleyo, thunga iimpahla ezikrazukileyo.

SEBENZISA NGOKUTSHA - into ocinga ukuyilahla.Okona kubalulekileyo kukulahla into engasebenziyo.

BOLISA - Vula umngxuma egadini ugalele ukutya okudala okanye usebenzise imigqomo yakwaBokashi ukuba uhlala eflethini.

Imizimveliso namashishini kuzwelonke ikunciphisa kakhulu ukusetyenziswa kweplastiki kwaye iindawo zokutyela azisenazo iingcongolo zesiselo nezinye izisongelo. Le mizamo ayipheli apha, inintsi inkqgubela esenokwenziwa, kodwa ngokuqinisekileyo silandela ekhondweni elifanelekileyo kulo msebenzi eOverstrand.

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe qhagamshelana noFiona: fionamatthes@gmail.com okanye ungene kuFacebook - Rethink Single Use Plastics.